



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

NOVEMBA 2010

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha ama-6.

IMIYALELO NENGACISO

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A: Izincoko	(50)
ICANDELO B: Imihlathana emide	(30)
ICANDELO C: Imihlathana emifutshane	(20)
2. Phendula umbuzo OMNYE kwicandelo NGALINYE.
3. Bhala ngolwimi obuzwe ngalo.
4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Kunyanzelekile ukuba uwucwangcise uze uwuhlele umsebenzi wakho.
6. Isicwangciso soyilo MASIKHOKELE impendulo yakho.
7. Isicwangciso sakho masibhalwe ngokucacileyo.
8. Icandelo ngalinye labele ixesha ngolu hlobo:

ICANDELO A: imizuzu engama-80	
ICANDELO B: imizuzu engama-40	
ICANDELO C: imizuzu engama-30	
9. Nombola imibuzo ngendlela ekwenziwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
10. Nika isihloko esifanelekileyo kwimpendulo nganye.
11. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.
12. QAPHELA: Awabalwa amagama akwisihloko xa kubalwa amagama asetyenziswe kwisincoko/kumhlathana.
13. UBUDE BEEMPENDULO

ICANDELO A: Izincoko	340 – 390 amagama
ICANDELO B: Imihlathana emide	100 – 120 (umxholo kuphela)
ICANDELO C: Imihlathana emifutshane	80 – 100 (umxholo kuphela)

ICANDELO A: IZINCOKO

Khetha isihloko sibe SINYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama angama-340 ukuya kuma-390.

UMBUZO 1

- 1.1 Ukhuphiswano lweNdebe yeHlabathi luncedise ukuphuhlisa uMzantsi Afrika ngowama-2010 nangaphaya.

Bhala isincoko.

[50]

OKANYE

- 1.2 UMzantsi Afrika ukulungele ukuba ube noMongameli ongumntu wasetyhini.

Bhala isincoko ungqine okanye uphikise olu luvo.

[50]

OKANYE

- 1.3 Bhala isincoko ngesihloko esithi, "Ukusebenza nzima kunembuyekezo".

[50]

OKANYE

- 1.4 Ukuphakamisa umgangatho weziphumo zebanga le-12 eMzantsi Afrika luxanduva lomntu wonke.

Xoxa uvelele indima enokudlalwa ngurhulumente, abazali, ootitshala nabafundi ngokwabo.

[50]

OKANYE

- 1.5 Bhala isincoko esithi "Xa ndinokuba nguNontlalo-ntle kwisithili okanye kwingingqi endihlala kuyo".

[50]

OKANYE


- 1.6 Naniye kutheza ehlathini nabahlobo bakho. Kwenzeke ntoni senifika emakhaya nimaphikana, nilijaja ligazi, nivuku-vuku ezimpahleni, ningenazo neenyanda nje?

Bhala isincoko uveze konke okwathi kwenzeka ngaloo mini.

[50]

OKANYE

- 1.7 Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi ubhale naluphi udidi lwesincoko.
Nika isihloko esifanelekileyo.



[50]

OKANYE

- 1.8 Emva kokuqwalasela lo mfanekiso ungezantsi, bhala naluphi udidi lwesincoko usinike isihloko esifanelekileyo.



[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

Chonga umhlathana ube MNYE kuphela. Bhala i-100 – 120 lamagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

UMBUZO 2**2.1 ILETA YOBURHULUMENTE**

Wena nabafundi abaninzi besikolo ofunda kuso nifika esikolweni ngecala emva kwentsimbi yesithandathu kodwa abe amasango esatshixiwe.

Bhala ileta eya kwinqununu yakho uyixelele ngeengxaki enithi nidibane nazo ngokuma kwenu kumasango esikolo kunye nezinto ezibalulekileyo eninokuzenza xa ninokuvulelwa ngexesha enifika ngalo.

[30]**OKANYE****2.2 I-AJENDA NEMIZUZU YENTLANGANISO**

Bhala i-ajenda nemizuzu yentlanganiso eniye nayibamba niliqumrhu elimele abafundi kwisikolo senu malunga nemeko yokungakhangeleki kakuhle kwamagumbi enifundela kuwo.

Bhala izigqibo enifikelele kuzo kwimiba emithathu ngale meko.

[30]**OKANYE****2.3 INTETHO**

Umhlobo wakho osenyongweni uza kuba enetheko lokubhiyozela ukugqiba iminyaka engama-21 ezelwe. Ucele wena ukuba ube sisithethi sembeko.

Bhala intetho uvuyisane nosotheko uphose namazwi enkuthazo kwabanye abangekafiki kweli nqanaba lobudala.

[30]**OKANYE****2.4 INQAKU LOMHLELI**

Ukungakhathali kwabaqhubi beenqwelo-mafutha ezindleleni ezingasezikolweni kulubuyisela umva uluntu nesizwe ngokunjalo.

Bhala inqaku eliya kumhleli ubonisa ubungozi abababeka kubo abafundi, ifuthe kwisizwe, ucebise nangenxaxheba emayithatyathwe ngamagosa endlela.

[30]**AMANQAKU ECANDELO B: 30**


ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

Chonga umhlathana ube MNYE kuphela. Bhala ama-80 – 100 amagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

UMBUZO 3**3.1 IPOWUSTI-KHADI**

Amaxesha okuzikhupha nawokuphola anqongophele ngenxa yeengxaki esisoloko sinazo kodwa omnye wabahlobo bakho utyelele elinye lamaPhondo oMzantsi Afrika elineendawo ezinomtsalane nezinto ezinemfundiso.

Bhala ipowusti-khadi uvuyisane naye ukwamngqwenelela ukuba alonwabele ithuba lakhe lekhefu.

**[20]****OKANYE****3.2 IMIYALELO YERESIPHI**

Emva kokungcamlisa abahlobo bakho isityu ubusiphekele amalungu esitokfela sakho, bakucele ukuba ubafundise indlela osipheke ngayo.

Bhala iresiphi yokwenza esi sityu, udwelise izithako ozisebenzisileyo ukusenza nendlela osenze ngayo.

[20]**OKANYE****3.3 ISIBHENGEZO**

Bhala isibhengezo sepomakazi lendlu yakowenu ngeenjongo zokuloba abakhenkethi abaze kuchitha iiholide eMzantsi Afrika besuka kwamanye amazwe.

[20]

AMANQAKU ECANDELO C:
AMANQAKU EWONKE:

20
100